



Izinto Eziyimfuneko

Usuku Lokufundela Ngaphandle eHlabathini lwango-2021

Amacebo aluncedo malunga nokubalisela abantwana basekhrithi ngeli bali

UFly, everyone, fly! libali elifanele ukufundelwa abantwana abaneminyaka emi-6 ubudala nangaphezulu, kodwa oku akuthethi ukuba abantwana abancinci kunoku abanakulonwabela nabo eli bali. Nanga amacebo endlela yokubalisa eli bali kubantwana abaphakathi kweminyaka emi-3 nemi-6 ubudala.

Ngaphambi kwebali

- ★ Kwiintsuku ezimbalwa ngaphambi kokubalisela abantwana ibali, lifunde izihlandlo ezimbalwa. Lazi ibali ngokwaneleyo ukuze ube nokulibalisa ngeyakho indlela.
- ★ Cinga ngeendlela zokwenza ibali likholeleke.
 - Yazisa abantwana ngebali ngendlela **evusa** umdla wabantwana. Umzekelo: **Bhala ileta ethi: 'Ngubani ofuna ukuhamba nam ngebhasi ukuya kundwendwela uMakhulu? Ngothando, ngu-Afrika.'** Shiya le leta kwindawo abatwana abaya kuyifumana kuyo baze bathi bakuyifumana, **ubafundele** yona. Sebenzisa izitulo ukwenza 'izitulo' zebhasi.
 - Fumana iindawo kweli bali apho abantwana benokungenelela, umzekelo: **ukwenza imilinganiso nengoma kaJosh.**
 - Ungadlala njani ngobuso nangezandla ngeli xesha ubalisa eli bali? Umzekelo: **ukuncuma kunye nokuweyivisha njengoMakhulu kwisitopu sebhasi.**
 - Qokelela uze/okanye wenze ezinye zezinto ezikhankanyweyo kweli bali ukuze uzibonise njengokuba ubalisa ibali. Umzekelo: **ubhaka onamaphepha, inqwelo-moya yephepha.** Okanye, khuphela uze uprinte imifanekiso yebali ekwa-www.nalibali.org
- ★ Zilolonge ekubaliseni eli bali.

Ngeli xesha lebali

- ★ Yazisa abantwana ngeli bali uze ubafundele.

Emva kwebali

- ★ Buza imibuzo eyenza abantwana batyatyadule ukuze ubakhuthaze bacinge kwaye bathethe ngeembono ezinxulumene nebali, umzekelo: **Ingaba ukhetha ukuba yinqwelo-moya okanye ukuba yibhasi? Ngoba?**
- ★ Ninonke, yenzani ngathi niyinto ebhabhayo. Nika wonke umntu ithuba lokutsho ukuba uyintoni.
- ★ Cela abantwana ukuba:
 - benze amatikiti ebhasi okanye **bazobe** imifanekiso malunga nebali ngeekhrayoni, ngeekokipeni, iphepha nezikere.
 - **badlale** kule bhasi niyenzileyo. (Banakho **nokunxiba kakuhle** ukwenzela olu hambo!)
 - baphinde benze ezi ndawo zikweli bali besebenzisa udongwe oluthengwayo okanye olomhlaba.
 - bakhe iinqwelo-moya okanye iibhasi ngezinto ezirisayikilishiweyo (njengeebhokisi zekhadibhodi, iiroli zephepha lezandla, iziciko zeebhotile), iglu, izikere kunye nepeyinti.

Eyona nto ibalulekileyo, **yonwabani!**

Yenzelwe i-Nalibali ngu-PRAESA
kwa-www.praesa.org.za



T: +27 (21) 448 6000

E: info@nalibali.org

www.nalibali.org

www.nalibali.mobi

[nalibaliSA](https://www.facebook.com/nalibaliSA)

[@nalibaliSA](https://twitter.com/nalibaliSA)

[@nalibaliSA](https://www.instagram.com/nalibaliSA)

